Isalathiso: 20190218-1798
Inombolo yefayili: 12/2/8/30/R
Imibuzo: Kwi-Ofisi yeSithili

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loCwangciso noKuphathwa kwamaZiko: 0003/2019

Iya: KuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe, kuBaququzeleli boPhuhliso lweZikolo, nakwiiNqununu zezikolo eziziiprayimari neziziisekondari

Isihloko: UMnyhadala woKhuphiswano lweeKwayala zeZikolo zaseMzantsi Afrika ka-2019

1. ISebe leMfundo esiSiseko likazwelonke (i-*DBE*) libambisene nawo onke amasebe emfundo amaphondo liya kuququzelela kwakhona, lisingathe yaye libeke esweni uMnyhadala woKhuphiswano lweeKwayala zeZikolo zaseMzantsi Afrika ka-2019 (i-*South African Schools Choral Eisteddfod*) (*SASCE*).

2. Ukhuphiswano lwango-2019 lwenza isibonelelo seekwayala zezikolo ngokwala macandelo alandelayo:

Izikolo eziziiprayimari
Iimveku (amaBakala R–2)
Isigaba sesiseko (amaBakala 3–4)
Isigaba esiphakathi (amaBakala 5–7)
Izikolo zasezifama

Izikolo eziziisekondari
I-*Secondary A*
Zizikolo ebezithe gqolo ukutshatshela kule minyaka mine idlulileyo kwezi kwiindidi zontlanu zivunyiweyo (o.k.t. kwiikwayala ezixubeneyo – kwi-*African*, kwi-*Afrikaans,* kwi-*Western* nakwiikwayala zamadoda namabhinqa).
I-*Secondary B*
Zizikolo ezithatha inxaxheba okokuqala nezo zikolo bezikhe zathatha inxaxheba kule nkqubo kodwa ezingakhange zibe nokufikelela kwinqanaba likazwelonke.

3. Iikwayala zesigaba sesiseko ziya kuthatha inxaxheba kuphela kwiminyhadala yokhuphiswano yezithili (*district eisteddfod*). Azisayi kuthatha nxaxheba kwizigaba zamaphondo nezikazwelonke zolu khuphiswano.

4. Kukho amaculo amiselweyo (*music pieces*) kuwo onke la macandelo. Imigaqo yokuthatha inxaxheba nee-*music scores* zika-2019 zingakhutshelwa kwiziko lewebhu le-*DBE* apha: http://www.thutong.doe.gov.za/Default.aspx?alias=www.thutong.doe.gov.za/scholenrichment. Unako kwakhona ukuqhagamshelana ne-ofisi yesithili yakho ukufumana uncedo malunga nomculo kunye nemigaqo yokuthatha inxaxheba.

5. Ukungenela olu khuphiswano, izikolo mazizalise ifom yokubhalisa eqhotyoshelweyo apha zandule ukuyibuyisela kwigosa elichaphazelekayo elijongene nophuhliso lwezikolo (*school enrichment*) kwi-ofisi yesithili yabo.

6. Izikolo ezibhalisayo ziya kucelwa ziye koomasifundisane besithili (*district workshops*) ukuziqhelanisa nomculo omiselweyo kunye nemigaqo yokuthatha inxaxheba.

7. Imijikelo yesithili neyephondo yokukhiqa iikwayala ezingaqhubanga kakuhle (*elimination rounds*) kwiphondo iya kubanjwa phakathi kuka*M*eyi no*J*uni 2019, ngokulandelelanayo.

8. Izikolo ziya kuvunyelwa kuphela ukuqhubela phambili ukuya kwinqanaba elilandelayo ukuba inkqubo yazo yenze ukuba mazizuze amanqaku kwinqanaba 3 (65%) nangaphezulu kubagwebi.

9. Uthatho-nxaxheba kwinqanaba lephondo nelikazwelonke lwenziwa kuphela ngesimemo esiyincwadi ebhaliweyo se*WCED*.

10. Iinqununu neekomiti zabaphathi zezikolo maziqinisekise ukuba ukuziqhelanisa kweekwayala akuphazamisani nenkqubo yezifundo yesikolo kunye nexesha lokufunda nokufundisa. Besakube bekuthathele ingqalelo oku, kubaluleke gqitha ukuba ababhexeshi beekwayala bangabaceli abafundi ukuba baye kuqhelaniso lweekwayala ngexesha lokufundisa.

11. Izikolo ezithatha inxaxheba kwiminyhadala ye-*SASCE* mazizenzele amalungiselelo azo okuhamba nawokulala. I-*WCED* iya kuxhasa ngemali (*subsidise*) ukuhamba nokulala ngolu hlobo lulandelayo:

11.1 Izikolo ezihamba umgama ongaphezulu kwama-200 km (ukuya nokubuya) ziya kuxhaswa ngemali eyokufikelela kwisixa esiphezulu kwe-R3 000 ngesikolo ngasinye ukulungiselela ukhuphiswano kwimijikelo yesithili kunye nemijikelo yephondo.

11.2 Izikolo ezihamba umgama ongaphezulu kwe-700 km (ukuya nokubuya) ziya kuxhaswa ngemali eya kufikelela kwisixa esiphezulu esiyi-R5 000 ngesikolo ngasinye ukulungiselela ukhuphiswano kwimijikelo yesithili kunye nemijikelo yephondo.

11.3 Izikolo eziceliweyo ukuba mazithathe inxaxheba kumnyhadala kazwelonke ziya kuxhaswa ngemali ukuya kutsho ubuninzi kwi-R40 000 (kumawaka angamashumi amane eerandi) ngokubhekiselele kwikwayala epheleleyo enabafundi abayi-60 ukulungiselela ezothutho.

11.4 Indawo yokulala elungiselelwe imijikelo yephondo iya kuxhaswa ngemali eyi-R100 ngomfundi ngobusuku ngabunye.

11.5 Indawo yokulala elungiselelwe abo bathatha inxaxheba kumnyhadala kazwelonke iya kuxhaswa ngemali eyi-R150 ngomfundi ngobusuku ngabunye.

linkxaso-mali ziya kuhlawulwa kuphela kusakuba kusayinwe uXwebhu lweNtsebenziswano (Memorandum of Understanding) kunye ne-ofisi yesithili yaye kufuneka lungeniswe kwaNdlunkulu ubuncinane kwiiveki ezintathu phambi kokuba uqhube umnyhadala.

12. Kucelwa wazise okukule ngcaciso imfutshane abafundi, ababhexeshi beekwayala, ootitshala kunye nabazali ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-HA LEWIS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOPHUHLISO NOQUQUZELELO LWAMAZIKO
UMHLA: 2019-03-18

linkcukacha zoqhagamshelwano zamagosa ezithili

Isithili semfundo	linkcukacha zoqhagamshelwano
Metro North	Mnu D Leonard Ifoni: 021 938 3170 Ifeksi: 021 938 3180 I-imeyili: David.Leonard@westerncape.gov.za
Metro Central	Nks S Majiet Ifoni: 021 514 6700 Ifeksi: 021 514 6953 I-imeyili: Shaheeda.Majiet@westerncape.gov.za
Metro South	Mnu R Esau Ifoni: 021 370 2000 Ifeksi: 021 372 1856 Ifeksi: Rowan.Esau@westerncape.gov.za
Metro East	Nks MJ Swartz Ifoni: 021 900 7253 Ifeksi: 021 903 2149 I-imeyili: Mary.Swartz@westerncape.gov.za
West Coast	Nks C Beukes Ifoni: 021 860 1210 Ifeksi: 021 860 1231 I-imeyili: Cathlene.Beukes@westerncape.gov.za
Cape Winelands	Nks C Ross Ifoni: 023 348 4602 Ifeksi: 023 342 4138 I-imeyili: Cantel.Ross@westerncape.gov.za
Overberg	Mnu K Mike Ifoni: 028 214 7300 Ifeksi: 028 214 7400 I-imeyili: Kobus.Mike@westerncape.gov.za
Eden and Central Karoo	Nks S Stofile Ifoni: 044 803 8300 Ifeksi: 044 873 2253 I-imeyili: Sinovuyo.Stofile@westerncape.gov.za